Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (25 September 1928), page 8

**A! Ngangomhlaba!**

Kwinyanga epelileyo ndibe ndimi pambi kwake lo Kumkani e Nqadu, Willowvale sino Zikali into ka Mbuya (A.E.) engu mhloli nomfundisi kwi zikolo zika Rulumente. Sitsho kakulu awokuziyaleza nokuyaleza isizwe kuye. Wotuke kakulu kunene u Kumkani lo akundibona; kubonakala ukuba ube cinga ukuba iminyaka yam ngoku ndiko ikwi 100.

Ite kanti inkosi le inomcamango wokuhambela e Monti, - apo kutiwa yamkelwe ngoko kumkani kanye, - ngoko mzukulwana wonyana ka Sarili kanye:

Yema mangqangq' i Mansipaliti,

Aroz' amajon' o Mkosi, -

Yahlahlamb' i Ntambula ka I.C.U. Yati:

Ngambu-ngambu-ngambu!

"Zapal' imoto nemotokali, -

Lapalal' igazi lenkabi zontatu, -

Zakala zakuhlatywa zatakazela!

Zati, Bho-ho-ho ka nkomo!

Lanyikima lonk' elakwa Gompo,

Zaqaba calany' intokazi;

Laxakek' igwangqa lenqwelem:

Lafun' ukut' inkanun' ayikenzinto.

A! Ngangomhlaba!

A! Ngangomhlaba!"

U Ngangomhlaba, inkosi engu Kumkani wawo onke ama Xosa akoyo elizweni, ogama limbi lakowabo lingu Mp'isekaya ngunyana wo Kumkani omkulu, u Salakupatwa, ogama limbi lingu Gweb'inkumbi, into ka Sigcau, ka Rili, ka Hintsa, ka Kauta, ka Gcaleka, ka Palo, ka Tshiwo, ka Togu, ka Sikomo ka Ngconde, ka Malangana, ka Tshawe, ka Nkosiyamntu, ka Xosa. Unina ngu Nohefile, intokazi ka Langa ka Moni, u Kumkani wama Bomvana, elakokwabo igama ngu Nongxeze. Igama le nkabi yeli Komkulu kutiwa kukolo Hoho.

Lo Kumkani waluke ngomnyaka we 1922, esaluswa yinto ka Delekile, u Sibunwana, yasema Nqbsinini. Imbongi yayo yayingu Ngubencuka Nongweqe, inkosana yakwa Bomvana.

Izibongo zo Kumkani lo zenjenje: -

Ngu So-kugqononoza;

Udong' olubomv' olulil' inyembezi,

U Mqanduli yinxil' engapakati,

U Goliva yinxow' okutshayela;

Sisiyangayanga yindab' amaxego,

Ubityil' umnt' ohlal' enxoweni, -

Ukutya kokuhamb' akuyi siswini

Kuhlal' ezinyaweni kwelipezulu,

Zekuti ukuhla kuhle nomnqambulo.

Ngubo ka Soy' izel' amaqinga

Kub' uyityil' ifatyi wayikanyela,

Wayivimb' impi yase Bungeni, -

Yindaba ka Joji zo Kezala

Babambene ngelif' elisetyesini;

Mzi ka Dweb' unuk' amalongo.

Ndikapen' ndikapen' ndicand' ulwandle,

Ndiye kwa Bomvana kowetu,

Hambani niyokufun' i Mbong' enokolwayiyo

Mn’ andifunwanga ndimoshiwe,

Mn’ andifunwanga ndibalekele,

Hamban’ nokufun’ i Mbong’ eyokolwa nini,

Tumelan’ umfana koka Mtoto,

Oka Mtot’ aye ku Ludidi no Waqakata,

Ubuyil’ umfana weza nelizwi

Ut’ u Ludidi no Waqakata balibele ziwatsha.

A! Ngangomhlaba!

A! Ngangomhlaba!!

Sinika!!

Kulahlek’ inkwenkwezi yo Kumkani.

Kwagqum’ oka Nopanyaza kwa Gompo,

Wotuk’ u Busobengwe kwelika Hintsa,

Kwaququmb’ u Nosikakana pezu kwe Tole.

Yamatumb’ antaka eka Luzipo e Kunene.

Zag’ dim’ incwad’ ukusing’ e Mtata;

Lwambox’ utul’ ukubek’ e Matshona;

Zabuy’ incwadi zisiti kwa Nombor’ Sikis, -

Ap’ izilonyana zodibana kona, -

U Ngangomhlaba no Zweliyazuza.

Mhla kwahlw’ emin’ e Diyare;

Kwanuk’ iruluwa nentsimbi;

Kwatshixiz’ umti komny’umti;

Kwaqauk’ imbeleko nemibeleso[1];

[1] nemibeles

Wati umntu kudiben' izulu nomhlaba!

Bebedityaniselwa ntoninan' abangaka?

Kusapuk' imikonto nje ngoku sipina?

Yaba kukudlula kwalo njalo

Malixol' ilizw' inkwenkwez' ifumanekile.

Mazibuy' izinto ziye ngendawo zazo.

TaruJikijwa, nawe nto ka Rubusana

Kade sinixelela zinkosi –

Sisiti wagcinen' amadun' akowenu!!

Ncincilili!!!